

IsiHlomelo B: Indlela esebenzayo yokulawula iinkonzo zikamasipala nezezibonelelo

Kulindeleke ukuba izikolo ziphumeze amanyathelo afanelekileyo ukuze ziqinisekise ukusetyenziswa kweenkonzo zikamasipala nezezibonelelo ngeyona ndlela iphezulu yoqoqosho, isebenzayo nefanelekileyo. Amabhunga olawulo kufuneka abeke esweni ngalo lonke ixesha iindlela ezisetyenziswa ngayo iinkonzo zikamasipala nezezibonelelo, aqhaphela ukonyuka kokusetyenziswa kweenkonzo okungaqhelekanga aze athathe amanyathelo okulungisa apho kukho imfuneko.

1. Umbane

Izikolo kufuneka:

- zicime izibane eziklasini, kwii-ofisi nakwezinye iifasiliti xa zingasetyenziswa;
- zandise ukusetyenziswa kokukhanya kwemini;
- zicime iikhompyutha, iiprinta, iiprojektha, iifotokopiya nezinye izixhobo ezisebenza ngombane xa zingasetyenziswa;
- zehlise ukusetyenziswa kwezixhobo ezisebenzisa iqondo eliphezulu lombane ukuze umbane usetyenziswe kuphela ngokweemfuno zenkqubo;
- ziqinisekise ukuba zizibane zokhuseleko olubalulekileyo kuphela ezihlala zisebenza emva kwexesha lokwenziwa kwenkqubo yesikolo;
- zithathele ingqalelo ukutshintshela izibane ii-*conventional lights* kwiizibane ezisebenzisa amandla ombane ngendlela efanelekileyo ii-*Light Emitting Diode (LED)*, apho kukho imali yokuzithenga;
- zithathele ingqalelo ukufakela umbane oyi-*prepaid electricity meters* okanye ezinye iisistim zolawulo lombane ukuze kuphuculwe ibhujethi, ukulawulwa kwenkcithomali nokubekwa esweni kokusetyenziswa kombane; kunye
- nokubekwa esweni kokusetyenziswa kombane qho ngenyanga nokuphanda ukubaluleka kokunyuka kokusetyenziswa kombane ngendlela engacacanga.

2. Amanzi

Izikolo kufuneka:

- zizisebenzise ngononophelo iisistim zokunkcenkceshela (*irrigation systems*) yaye mazesetyenziswe apho kukho imfuno;
- zizihlole rhoqo iitephu, iithoyilethi, ii-*urinals*, iimitha zamanzi nemibhobho okulungiselela ukubona iindawo ezivuzayo;

- ziqinisekise ukuba iitephu ezingaphandle zikhuselekile emva kokuphuma kwesikolo nangeempela veki, apho kunokwenzeka;
- zibeke esweni ukusetyenziswa kwamanzi kwaqho ngenyanga zize zenze uthelekiso lwendlela zokusetyenziswa kwamanzi kunye namathuba angaphambili;
- ziphande ngoko nangoko ukonyuka kokusetyenziswa kwamanzi ngendlela engafanelekanga;
- zithathele ingqalelo ukufakela ii-smart water meters, iisistim ii-automated leak detection systems okanye iidivayisi zokulawula amanzi ezizii-water management devices, apho zifumanekayo;
- zikhuthaze abafundi nabasebenzi ngeendlela zokulondoloza; kunye
- nokuba kwenziwe apho kufumanekayo, ukuphunyezwa kokuqokelelwa kwamanzi emvula okanye amanye amaphulo azinzileyo okugcina amanzi ukunciphisa ukuxhomekeka kumanzi kamasipala.

3. Ulawulo lwenkunkuma

Izikolo kufuneka:

- ziphonononge inani nomthamo wemigqomo yenkunkuma efunekayo ukuze kuthintelwe iintlawulo zikamasipala ezingeyomfuneko;
- zikhuthaze amaphulo okusetyenziswa kwakhona kwenkunkuma ii-recycling initiatives ukuze kucuthwe imithamo yenkunkuma;
- zithathele ingqalelo ukwahlula inkunkuma yezinto ezinokuphinda zisetyenziswe (recyclable waste) apho zifumanekayo iinkonzo zikamasipala okanye iinkonzo zabucala eziqokelela inkunkuma; kunye
- nokwenza uhlalutyo lwethuba lokwenziwa kweenkonzo zokuthathwa kwenkunkuma ukuze ziqinisekise ukuba kusetyenziswe eyona ndlela inexabiso elifanelekileyo.

4. Ukubekwa esweni ukusetyenziswa kwemali nolawulo lwemali

Amabhunga olawulo kufuneka aqinisekise ukuba:

- ii-akhawunti zikamasipala nezika-Eskom ziphononongwa qho ngenyanga phambi kokuba kwenziwe intlawulo;
- iindlela zokusetyenziswa kwemali zibekwe esweni yaye ingxaki zemali ezingacaciswayo ziphandwa ngokukhawuleza;
- iimitha zamanzi zingqinisiswa rhoqo ukuze kubhaqwe ukuvuza kwamanzi okunokwenzeka, iimitha zamanzi ezinesiphene okanye ukusetyenziswa kwamanzi ngendlela engafanelekanga;
- iindleko zezibonelelo zeenkonzo zenza inxalenye yenkqubo yokubekwa esweni kwemali yesikolo yaqho ngenyanga;
- izikolo ezijongene nemeko yokonyuka kweendleko zezibonelelo zeenkonzo okuqhubekayo maziphumeze amanyathelo okulungisa afanelekileyo ukuze kuphuculwe indlela esebenzayo yaye kuthintelwe ukwanda kweendleko zikamasipala; kunye
- nokuba izikolo zithathe inxaxheba ngokufakela iimitha zikamasipali ezizii-municipal smart metering okanye ngokusebenzisa amanye amaphulo okubeka esweni iinkonzo

zezibonelelo zisebenzisa isibonelelo sengcaciso ukuze siphucule ulawulo lokusetyenziswa kwamanzi.

5. Ukunika ulwazi nokusebenza ngendlela efanelekileyo

Izikolo ziyakhuthazwa ukuba zikhuthaze indlela elungileyo yokusebenzisa izibonelelo:

- ngokuqalisa ukunika ulwazi kubafundi nabasebenzi malunga nendlela efanelekileyo yokusetyenziswa kombane namanzi;
- ngokuquka amaphulo okugcinwa kwezibonelelo kwiiprogram zezendalo nezokuzinzisa ukusetyenziswa kweenkonzo zezibonelelo apho kufanelekileyo; kunye
- nokukhuthaza onke amalungu asesikolweni ukuba achaze ngokukhawuleza ukuvuza kwamanzi, izixhobo ezineziphene okanye ukusetyenziswa kombane okungafanelekanga.